



Lusuku lwam lokuzalwa!

Le ncwadi yeka









bookdash.org

Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative volunteers to create new African storybooks that anyone can freely print, translate and distribute. Then we work with partners to give those books to preschool children to own.

To find out more, and to download beautiful, open-licensed, print-ready books, visit bookdash.org.

Lusuku lwam lokuzalwa!

(It's my birthday!)

Illustrated by Josie Versfeld

Written by Sinovuyo Mgunukelwa

Designed by Nkosingiphile Mazibuko

Translated by Sinovuyo Mgunukelwa (writer)

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 14 October 2023.

ISBN: 978-1-77623-118-8

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence
(<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use. No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.





LUSUKU LWAM LOKUZALWA!

Sinovuyo Mgunukelwa - Josie Versfeld - Nkosingiphile Mazibuko





“Kurukukuu!
Vuka Zingisile.
Lusuku lwakho lokuzalwa!”





Lusuku lwam lokuzalwa,
kodwa ikwalusuku lwesikolo.





“Mama, Mama!

Qajisela, kanene lusuku
lwantoni namhlanje?” Ndivuka
ndikhwaze nditsho.

Ndasoloko ndimbuza lo mbuzo
umama wam qho kusasa
ngosuku lwam lokuzalwa.







“Sisidudu sakho sosuku
lokuzalwa esi! Khawulezisa utye
ke ngoku.






Akulunganga ukuba ufike emva
kwexesha esikolweni ngemini
yakho yokuzalwa.”





Mmmmmmm!
Ndiyasithanda isidudu.





Bimbilili!

Bimbilili!

Bimbilili!






Ekhreshi wonke umntu uyazi
ukuba lusuku lwam lokuzalwa.

Bandiculela **Umin'**
emnandi kuwe kwaye
bandibhalela iziqwengana
ezibonisa uthando.







Andisakwazi nokuzibamba xa
ndicinga ngesidlo esikhethekileyo
aza kundilungiselela sona uMama.





Sendingxamele ukubona umzala
wam endimthanda kunene, uSisipho.
Ukwanguye nomhlobo wam
osenyongweni.
Olwakhe usuku lokuzalwa
lungoSeptemba.

Kazi uMama uza kundibambela
eyiphi inkukhu? Ndiyathemba iza
kuba yeyona ityebileyo.





“Yeyiphi eyona ndawo
uyithandileyo kweli
bali?” uyabuza
uNkskz
Mkombe.





“Ngumqa!” ndikhwaza
nditsho, ndisekude
ngeengcinga.
Bayahleka abahlobo bam.







Xa ndifika ekhaya, uLuhambo
uchwayitile. Yena owakhe umhla
wokuzalwa wokuqala ubunge28
kaApreli.





Kwaye mna izakuba kokwesihlanu
ngoku ndibhiyozela usuku lwam
lokuzalwa!







Khawukhangele konke oku
kutya! UMama undenzele zonke
ezithandwa ndim – ispinatshi,
amagranyaza ombona, umqa
nomhluzi kunye nesonka sakhe
sodumo. Yonke into ikhiwe
kwisitiya sethu.







“Min’ emnandi kuwe Zingisile!
Min’ emnandi kuwe Zingisile!
Unangaphi ngoku?”





“Ndineminyaka emihlanu ngoku!”
ndicula nditsho ukuphendula.
UTata wam uyandifunqula
andijikelizise!

“Zing-star wam! Awusemdala sele
uzakuba ngutishala.”





UMama undivumela ukuba
ndikhethe elona qatha
likhulu lenyama yenkukhu.
Uqale aphakele mna.

Ndinxuza isonka sam
esimnandi emhluzini nditsho
ngoncumo olugoso.
Ingathi alusafiki usuku lwam
lokuzalwa olulandelayo!







